

ITSHATHA YONIKEZELO LWEENKONZO

ISebe loPhuhliso loQoqosho noKhenketho lizimisele ukukubonelela ngeenkono ngokweTshatha yeeNkonzo. Masilwenze ngcono ngobambiswano unikezelo lweenkonzo.

UMBONO WETHU

Umbono weSebe loPhuhliso lwezoQoqosho noKhenketho ngoweNtshona Koloni enoqoqosho olukhulayo, lokwenza izinto ezintsha nolugcinekayo, oluphawulwa kukukhula kwezoqoqosho kunye nengqesho.

UMQOPHISO WETHU

ISebe loPhuhliso lwezoQoqosho noKhenketho liza kubonelela ngobunkokheli obunobuchule kuqoqosho lweNtshona Koloni ngokuba isebe liluqonde uqoqosho, ukukwazi kwalo uchonga amathuba ezoqoqosho kunye nezinto ezinokubakho, kunye negalelo lalo kokumakuqalwe ngako luqoqosho lukarhulumente. Eli Sebe liza kuphucula amandla okukwazi ukuvelisa nokukhuphisana kooqoqosho lwamaphondo. Oku kuza ukubangela ukukhula kwezoqoqosho kunye nengqesho:

- ngokukhuthaza utyalomali kunye nezibonelelo ezizizo;
- ngokuthumel' impahla kumazwe angaphandle kunye nokukhula;
- ngokuqubisana nokungalingani ngokwezakho;
- ngokukhawulezisa ukwenza lula ushishino; kunye
- nangokomelela kwezibonelelo.

OKULINDELEKILEYO KUTHI

- Siza kuziphendula zonke ii-imeyili zethu kwiiveki ezingama-48.
- Umnxeba ongenayo siza kuwuphendula ungasanga ukhale kathathu.
- Ukuba uye wasibhalela, siya kukwazisa ukuba siyifumene ileta yakho zingadlulabnga iintsuku ezintathu. Siza kuthumela impendulo kwiintsuku ezi-7 zomsebenzi. Ukuba asikwazi ukunika impendulo kwiintsuku ezi-7 zomsebenzi siza kukucacisela ukuba kutheni size sikuxelele ukuba ungasadlulabnga nini impendulo.
- Sakuba sifikile kuthi isicelo sakho, siya kusinika ingqwalasela ngokweenkcukacha esizifumeneyo. Siya kukunika ulwazi olupheleleyo, onokulusebenzisa kunye nengxelo efanelekileyo;
- Zonke izikhalazo kunye neembalelwano ezimalunga noMphathiswa wezeMali kunye naMathuba ezoQoqosho ezenziwa ngabaxumi ziza kuphendulwa ngendlela efanelekileyo kwiveki e-1 zifunyenwe.

IINKONZO ZETHU



Iinkonzo zoPhuhliso lwezoQoqosho eziManyanisiweyo

Ukukhuthaza nokunika inkxaso imeko efanelekileyo yezoshishino ekhokelela ekukhuleni kwezoqoqosho nasekuvulekeni kwamathuba emisebenzi.



Imimiselo yezamashishini nolawulo

Ukuqinisekisa imeko yoshishino elinganayo nethathela ingqalelo ezintlo eNtshona Koloni - ngamangenelelo athe gabalala kwimeko yezorhwebo nangamangenelelo angqalileyo agunyaziswe nguMgaqo-siseko, imithetho yesizwe neyamaphondo kunye nemigaqo-nkqubo ngokunjalo.



Uphuhliso lwezorhwebo

Ukukhuthaza ukukhula kooqoqosho ngophuhliso lweCandelo, urhwebo notyalo-mali.



Uphuhliso lweZakhono nezinto ezintsha

Ukukhuthaza ukuphuhla kwezakhono zabantu bokusebenza nabayili bezinto ezintsha ukuze ziphuyezwe izinto ezifunwayo eziphatelene noPhuhliso lweZakhono lwabantu baseNtshona Koloni.



UkuKhula koKhenketho noPhuhliso

Ukunceda uzalisekiso lweqhinga lezokhenketho oluhlanganisiweyo elizakukhokelela ekukhuleni nasekwenzeni imisebenzi egcinekayo kushishino lwezokhenketho.



Ucwangciso loQoqosho

Ukunika isikhokelo ngesicwangciso-nkqubo sezoqoqosho nokukhuba oku ngoncedo lweenkqubo ezifana nezophuhliso lwezoqoqosho, izibonelelo neinfrastraktsha, uqoqosho kusetyenziswa ikhompuyutha kunye noqoqosho olunika ingqwalasela kwezokusingqongileyo.

OKULINDELEKILEYO KWABANCEDWAYO

Silindele oku kuwe:

- Ube nembeko, uhloniphe amagosa akuncedayo;
- Unyaniseke kuthi.
- Ufake iinkcukacha ezipheleleyo nezichanekileyo zipheleke ziiikopi ezisanda kuqinisekiswa zamaxwebhu ayimfuneko.
- Uthobele zonke izivumelwano ozenze kunye nathi zokuzimasa iinkqubo zokuxhotyiswa.
- Uqinisekise ukuba uyazifizekisa izicwangciso, amalinge neengcebiso owafumana kwiSebe loPhuhliso loQoqosho noKhenketho.

AMALUNGELO ABANCEDWAYO

Ninala malungelo alandelayo ngokwemithetho-siseko yeBatho Pele:

- Ukunikwa imbeko nentlonipho ngawo onke amaxesha;
- Kuboniswane nawe ngohlobo lwenkonzo oyinqwanelayo kunye nomgangatho wayo owulindleleyo.
- Ukufumana ulwazi neenkukacha ezipheleleyo xa uzicela.
- Ukufikelela ngokulinganayo nabanye kwiinkonzo ezisemgangathweni ezibonelelwayo.
- Ukuncedwa ze kucelwe uxolo xa ungancedwanga ngokupheleleyo.

INKQUBO YETHU YOKULUNGISA IZINTO

- Ukuba unesikhalazo nceda sixelele. Siya kusiphanda ngokukhawuleza isikhalazo sakho yaye ukuba kufumaniseke kukho impazamo esiyezileyo siza kuyilungisa ze sicele uxolo. Ukuba awanelisekanga, siya kuyiphanda nangakumbi ingxaki leyo ze siphendule zingadlulabnga iintsuku ezi-7 zokusebenza.
- Ukuba asikwazi ukuyilungisa ngomnxeba nangokukhawuleza ingxaki yakho, siza kuthumela isikhalazo sakho kumsebenzi ochaphazelekayo, ze sikuxelele ukuba impendulo iza kufumaneka nini.
- Wamkelekile ukuba uthumele iingcebiso, izincomo, nezixeko ngendlela eyakhayo okanye iziphakamiso ezinokusinceda siwenze ngcono umsebenzi wethu okanye siphucule umgangatho wethu kule dilesi: **INTloko: Unxibelelwano,** Inombolo yomnxeba: **021 483 9281,** Imeyili: **Joe-Mark.Arnold@westerncape.gov.za**

Umsebenzi wethu uza kuhlolwa, uphononongwe ze kunikwe ingxelo yawo kwiNgxelo yoNyaka nakwiNgxelo yaBemi eziza zipapashwa ze zixhonywe kwiwebhusayithi yethu

KUBALULEKILE UKUBA SIFIKELELE

- Yiyo loo nto izakhiwo zethu zifikeleleka lula ebantwini abakhubazekileyo.
- Siza kuzama ukwenza konke esinako ukuba iinkonzo zethu sizibonelele ngazo zontathu iilwimi zaseburhulumenteni zalapha eNtshona Koloni.
- Iiyure zomsebenzi: 07:30 - 16:00

SITHEMBISA OKU:

Sithembisa ukuba siza kulandela indlela ecwangcisiweyo yobonelelo lweenkonzo zikarhulumente nezophuhliso loqoqosho ezijongene ngqo nabemi bephondo kunye nabo bangabaxhamli beenkonzo zethu jikelele. Ekuwenzeni kwethu lo msebenzi sigunyaziswe wona nasekuqinisekiseni ukuphumeza uxanduva esithwaliswe lona liphondo, sikhokelwa yimithetho-siseko yeBATHO PELE (Abantu kuqala) sizimisele ukubonelela ngeenkono ezinesiseko sentsulungeko ngenkathalo, ubuchule bomsebenzi, ukuthwala uxanduva lokuphendula ngokufanelekileyo nangokulindlekileyo, ngentembo, ukusungula izinto nokwenza izinto ngokukhawuleza ukuze sihlale siwakhusele amalungelo kwaye sikhuthaze ukuphakanyiswa nokuthotyelwa kwawo, singayekanga ukwandisa eziphumo ezifizekileyo sibambisene. Ubambiswano ngamandla.

ISIBHAMBATHISO SEGUNYA ELILAWULAYO:

Mna, David Maynier, ndithembisa ukuba iSebe loPhuhliso loQoqosho noKhenketho ngokweCandelo III. C. 2 lemigaqo karhulumente iPublic Regulations, 2001 ngokwezilungiso zayo, liza kuyithobela le tshatha.

UMphathiswa uDavid Maynier, uMphathiswa wezeMali naMathuba ezoQoqosho